



JOYCE
MEYER

UXOLO

PHOSA ONKE AMAXHALA AKHO KUYE

Unless otherwise indicated, all Scripture quotations are taken from
THE AMPLIFIED BIBLE: Old Testament.

Copyright © 1962, 1964 by Zondervan Publishing House
(used by permission); THE KING JAMES VERSION; and from
THE AMPLIFIED NEW TESTAMENT

Copyright © 1958 by the Lockman Foundation
(used by permission).

Copyright © 2014 by Joyce Meyer Ministries – South Africa

All rights reserved. No part of this publication may be
reproduced, distributed, or transmitted in any form or by any means,
or stored in a database or retrieval system, without the prior written
permission of Joyce Meyer Ministries – South Africa.

Joyce Meyer Ministries – South Africa
PO Box 5, Cape Town, 8000

Phone: +27 (0) 21 701 1056
Website: www.joycemeyer.org

Go to tv.joycemeyer.org to watch Joyce's messages in a
variety of languages

Peace - Xhosa
Not For Resale

OKUQULETHWEYO



<i>Intshayelelo</i>	4
1. Ingaba Uyaluvuyela Na Uxolo?	5
2. Uluvuyela Njani Na Uxolo	7
3. Khokhelwa Luxolo	9
4. Zintoni Na Eziba Uxolo Lwakho?	11
5. Kutheni Lento Umtyholi Ezama Ukuba Uxolo Lwakho?	13
6. Ubume beKholwa Kumaxa Entshutshiso	18
7. Usuku Ngalunye Ngexesha	22
8. Umthandazo Uzisa Uxolo	26
Umthandazo woSindiso	30
Ngombhali	31

INTSHAYELELO



“...funa uxolo (imvisiswano, ukungoyikiswa, intanda engaqhwayiyo kwakunye nokuziphatha kakuhle kungquzulwano) yaye ulufune ngokungxamekileyo. (Unganqweneli ubudlelwano boxolo no Thixo nje kuphela. nabammelwane bakho kwakunye nawe ubuqu. koko buphuthume. ubulandele).”

KUPETROS I 3:11

Ndiyathandaza ke ukuba lencwadi engoxolo izakunceda ukuba ufunde ukuluvuyela “... uxolo lukaThixo ologqithisele konke ukuqonda...”

KWABASEFILIPHI 4:7

1



INGABA UYALUVUYELA NA UXOLO?

Wonke umntwana ka-Thixo ozelwe ngokutsha ummelwe kukuvuyela ubomi obuzaliswe luxolo. uYesu wathi kuYohane 14:27:

“Ndinishiya noxolo; Olwam uxolo ndininika ndinenzela ilifa ngalo. Andininiki njengokunika kwehlabathi Mazingakhathazeki iintliziyo zenu, ningazivumeli ukuba nabugwala. (Musani ukuzivumela ukuqhwahwayhwa nokuphazanyiswa; yaye ningazivumeli ukuba noloyiko, ukugrogriswa, ubugwala kwakunye nokuguqulwa)”.

Esi sisibhalo esingcwele esinamandla nyhani. Nceda ke usifunde izihlandlu ezimbalwa noko wandule ke ngoku uthabathe ubuncinane imizuzu emihlanu ucinga ngaso ukuze sakhe kuwe.

Okokuqala masiqaphele ukuba uxolo esilunikwa ngu Yesu luxolo olulodwa, hayi olu esilunikwa ngumhlaba. Ingaba ihlabathi lona lunikela ngohlobo olunjani na loxolo? Ihlabathi linikela ngokuvakalelwa okuthile koxolo.

Oluxolo lusebenza xa yonke into ebomini bakho ihamba ngalendlela ofuna ngayo. Kodwa ke xa sukuba izinto zingahambi ngendlela yakho, olo xolo lukhawuleza lukushiye. Umoya “wokuphazamiseka” ukhawuleze ungene. Uxolo esilunikwa ngu Yesu lusebenza kumaxesha ochulumanco nasebubini, xa uswele okanye uhlutha. Uxolo lwakhe lusebenza kanye kuqhwithela olukhulu.

Bekungaba kuhle kunene, ngokokuqiqa kweengqondo zethu, ukuba yonke into ibiqhubeka ngendlela yakho ngalo lonke ixesha. Siyazi ngamava esele sinawo ukuba oku akwenzeki ebomini. Njengekholwa, ndizamile iminyaka emininzi ukusebenzisa ukholo lwam ukushenxisa

nantoni na endandingayithandiyo okanye eyayingavakali kakuhle kum. Oku kwandizisela ukudana okukhulu. Ukuzama ukwenza into ngenzekiyo nengasokuze yenzeke kuyadanisa rhoqo. Emveni kokufumana amva kuThixo ndagqibela ndibonile ukuba kufuneka ndisebenzise ukholo lwam ngokuzolileyo, kwakunye naseluxolweni ukugqitha kuzo zonke iiqhwithela neembandezelo zobomi. Kwaufuneka ndingabisamvumela uMtyholi ukuba ebe uxolo lwam rhoqo xa ndisithelayo.

uYesu wathi ku Yohane 14:27, “Musani ukuzivumela ukuba niqhwayhwe yaye niphazanyiswe.” Rhoqo xa ndifunda esisibhalo Easingwele, ndisizikisa, kumanxa ndaqaphela ukuba Izibhalo Ezingwele zazindixelela ukuba oku ndandikwenza kum buqu. Kwakufuneka ndikuyekile oku. Wathi kwakhona kuloo vesi, “Musani ukuvumela iintliziyo zenu zikhathazeke, mazingabi nabugwala.”

uYesu wabakhalimela abafundi bakhe KuMarko 4:40 ngokuswela ukholo kuba balahlekelwa luxolo lwabo kuqhwithela olukhulu. uYesu khange alahlekwe luxolo lwakhe. Wayelele esinqeni somkhombe. Abafundi bakhe babephazela bephazamiseke kakhulu.

Wena? Ingaba wawuzakube usesinqeni somkhombe uvuyele uxolo kwakunye noYesu? *Xa ungenalo uxolo, awubuvuyelanga ubomi.*

2



ULUVUYELA NJANI NA UXOLO

Awukho umyalezo oluncedo kakhulu ngaphandle kokuba kunikezelwe ngomyalelo wokuba ungayifumana “njani na” into oyifunayo. Ukuthi ufuna uxolo linyathelo lokuqala elo. Kodwa ke, ngaphandle kokwabelana ngokuluzuzana njani na uxolo, akukho siqhamo sokwenyani sinokuveliswa.

Inye into eyandinceda kakhulu ukuba ndiqale ndivuyele uxolo ebomini bam. Ndabona ukuba kuyinto engenamsebenzi nedanisayo kakhulu “ukuzama ukwenza into ngento endandingenakwenza nto ngayo.” Ingaba uyazidanisa nawe uzama ukwenza izinto ukuba zenzeke na? uThixo unexesha eligqibeleleyo ngayo yonke into. Kufuneka ulinde ixesha lakhe.

Akunakho ukwenza izinto ukuba zenzeke ingekabi lixesha lazo jikelele. Nokuba sele uvelise into ngaphambi kwexesha layo, awusokuze uyonwabele. Zifundise ukulindela kuThixo. Oku kumnika imbeko, wena kukuzisele uxolo.

Ingaba uzama ukwenza into engenakwenzeka na? Ingaba uzama ukuguqula abantu abakungqongileyo namhlawumbe umntu otshate naye, omnye wabantwana bakho, umhlobo wakho okanye isizalwane sakho na?

Abantu abanakho ukuguqula abanye abantu. u Thixo nguye kuphela okwazi ukungena entliziyweni yomntu amenze ukuba afune ukuguquka. Xa ngaba sinyanzelisa abantu ngaphandle, sisenza amabanga kubo, loo nto igqibelela ngokuba ibe uxolo luka wonke-wonke. Asidalelwanga ukuba ngaphantsi kolawulo lomthetho. Abantu bafuna inkululeko. Bafuna isithuba sokushukuma.

Ndazama ukunyanzelisa uDave ukuba ayeke ukudlala ighalufa kwiminyaka yethu yokuqala satshatayo. Ndeva ukuba udlala kakhulu yaye mna ndandifuna ukuba sibe kunye. Ndazama ngako konke endandinakho. Ndazama onke amaqhinga. Ndajala. Ndaphambana. Ndazama ukumqinisekisa. Ndamziba. Akukho nanye eyasebenzayo. Ebedla ngokukhe ayeke ukudlala okwethutyana. Okumangalisayo ke apha, kukuba noxa bendikufumene oko ebendikufuna, ndandingenaloxolo kanjalo. Ndandingenaloxolo kuba ndandizama ukufumana oko endandikufuna ngendlela eyayingalunganga. Xa uzama ukunyanzelisa umntu ukuba aguquke, loo nto izakuba uxolo lwakho.

Ingaba uphazamisekile na ngawe buqu kuba uzifumana ungekulo elinqanaba onga ungakulo ngokwasemoyeni? Ingaba uzama ukuziguqula wena ngokwakho na? Kufuneka usebenzisane noMoya Oyingcwele nakanjani malunga nomsebenzi awenzayo ebomini bakho.

Uyakukhulisa okanye ufuna ukuba ugqibelele. Akunakho ukuzenzela oko wena ngokwakho. Lo ngomnye ummandla wokuzama ukuzenzela into ongenakho ukuyenza.

Ndiqinisekile ukuba nawe uyabona ukuba kuyindalo ukuzama ukuguqula izinto ongazithandiyo. Kha unyaniseke okwethutyana. Ingaba uphumelelela kangakanani na ekuziguquleni ezi zinto? Ingaba uyazidanisa nje na ulahlekwe luxolo lwakho elixa kufuneka ube uphumle kuThixo, ulinde yena nexesha lakhe, uthembele kuye kwakunye nabanye abantu ebomini bakho kwakunye nawe ubuqu?

Mandishwankathele ngelithi: xa uzama “ukwenza into ongenakwenza nto ngayo” uzakudana yaye awusokuze uluvuyele uxolo.

3



KHOKHELWA LUXOLO

KwabaseKolose 3:15 ithi:

“Maluthi uxolo (imvisisiswano yomphefumlo eza) ngolawulo luka Kristu (isebenze njengomgwebi rhoqo) ezintliziyweni zenu (igqibe isombulule ngengqibeko yonke imibuzo evuka ezingqondweni zenu...)”

Usoympempe kumdlalo webhola ugqiba kwelokuba ingaba uyangena na okanye uyaphuma. Uxolo kufuneka lube ngumgwebi olugqiba kwelokuba into kufuneka ibekho ebomini bakho okanye hayi.

Abantu abaninzi abaluvuyeli uxolo kuba bashenxile kwintando kaThixo. Benza intando yabo kunokwenza intando ka-Thixo. Balandela oko abavakalelwa kuko okanye oko abacinga ukuba kulungile kunokulandela Izwi lika Thixo nangokukhokhelwa luxolo. Kuyenzeka kaninzi ukuba kuqhambuke into endifuna ukuyenza mna. Ikhangeleka ilungile, ivakala ilungile, yaye kusenokwenzeka ukuba yinto elungileyo.

Kodwa ke, xa ndingenalo uxolo ngayo, ndizifundise ukuba ndingayichukumisi. *Khokelwa Luxolo*. Ungathengi nantoni na, ingakumbi xa kuyintengiso enkulu, xa ungenalo uxolo ngayo. Nokuba sele uyifuna kangakanani na, uzakuzisola xa ungathobeli Ukukhokelwa nguMoya Oyingwele.

Maxawambi ndinokunikwa ithuba elihle lokuba ndisebenze njengesithethi ebendinokungathanda ukulithabatha, kodwa ndizive ndingenalo uxolo wokulithabatha. Andazi nam ukuba kusuba kutheni lento Ku njalo nje, uxolo lungabibikho tu. Ndizifundise ukuba xa

ngaba ndiyayithabatha nakakanjani na, isizathu sidla ngokuqhambuka ukuba kutheni lento bekufanele ndilandele uxolo.

Umsebenzi wokuqala endiwukhumbulayo kuxandaqalaukukhenketha. Imisebenzi yokuba sisithethi yayimbalwa yaye yayinqabile kakhulu. Ngokwendalo, ndandifuna ukuyithabatha yonke. Ndafumana isimemo sivela kwinkonzo ese-Texas. Kwandivuyisa nyhani oko ngelo xesha. Ndathi “ewe” zisuka nje. Kwiiweeki ezimbalwa ezilandelayo ndaziva ndigrenya ngaphakathi kum rhoqo xa ndandicinga ngaso. Kwanda nangakumbi. Kwakucacacile ukuba ndandingenalo uxolo ngokuya apho, kodwa u-Thixo khange andinike isizathu sokuba kutheni lento kunjalo. Ndalinda, ndalinda. Ekugqibeleni ndandisazi ukuba kwakufuneka ndibatsalele umnxeba ndibacele ukuba bandikhulule kulomsebenzi. Ndabaxelela ukuba ndandizakufika xa babengafumani mntu owayenokuwenza lomsebenzi, kodwa ngasizathu sithile, ndandingenalo uxolo ngokuya apho. Bagqibela bendikhulule kulomsebenzi.

Emva kweeveki ezimbalwa ezilandelayo, ndafumanisa into yokuba inkonzo yam yayizakunikela ngesakhiwo sayo esitsha ngayo kanye lempela-veki ebendizakube ndingekho ngayo. Ndandingumfundisi ongumlingane ithuba elide noko kuloo nkonzo ngaphambi kokuba ndiqale owam umsebenzi kaThixo, yaye kwakubalulekile kakhulu ukuba ndibe kunye nabo kuloo mcimbi.

Kutheni lento iNkosi ingakhange indixelele nje ukuba kwakuqhubeka ntoni na? Ngasizathu sithile, wakhetha ukuba angandixeleleli. ILizwi lakhe lithi masikhokhelwe luxolo. Ubukhulu becala, kuko kodwa oko azakukusebenzisa ukukwazisa ukuba ingaba usekwintando yakhe na okanye sele uphumile.

Uzakukwazi ngokuhamba kwexesha ukuba kutheni lento kunjalo na okanye awusokuze wazi kwaphela.

Akusoze ubuvuyele ubomi boxolo xa ungena ntobeko ekukhokelweni Nguye, uze ulandele intando yakho.

4



ZINTONI NA EZIBA UXOLO LWAKHO?

Izinto ezithile zikhathaza umntu ngamnye. Umtyholi ukufunde ubomi bakho bonke. Inoba selekwazi ngoku ngaphezu kokuba nawe uzazi. Uyayazi into ekukhathazayo. Kufuneka uyazi into ekukhathazayo yaye uqaphele ngaloo maxesha ukuba awulahlekwa luxolo lwakho.

“Amasela-oxolo” abantu ngabantu awafani. Kukho izinto ezindikhathazayo mna ezingamkhathaziyo uDave konke-konke. Umzekelo, mna ndiyathanda ukuba kuzole, kodwa ingxolo ayimkhathazi konke-konke. Usenokufunda incwadi elixa omnye weentwazana zethu ivulele unomathotholo phezulu yaye unyana wethu yena oneminyaka elithoba embokra-mbokrana nenja phantsi.

Andivani nokungxama, yaye ndikuthiyile ukufika emva kwexesha. uDave yena uzama ukwenza okuninzi ngexesha abelwe lona.

Sizakugqibelisa sesingxamile ngomzuzu wokugqibela. Oku yinto uMtyholi akwaziyo ngam yaye uzakukusebenzisa ukuzama ukuba ebe uxolo lwam. uDave kwelinye icala ufuna ukuba ngalo lonke ixesha abe kwisikhululo seenqwelo-moya kangangeyure ubuncinane phambi kokuba sintingele naphi na. Ufuna ukufika ngexesha kumabala eghalufa xa ezakudlala. Xa uMtyholi enokwenza ukuba afike emva kwexesha kwenye yeziziganeko, uDave uqale alahlekwe luxolo lwakhe.

Asifani. Ngoko ke, uMtyholi usebenzisa amaqhinga angafaniyo ngabanye ngabanye bethu. Nawe yiba krelekrele ngaphezu kwakhe. Ukubekela umgibe ukuze akuphazamise. Zintoni na eziba uxolo lwakho? Yenza uluhlu lwazo ze ke ngoku nizixoxe nosapho lwakho. Fumana ukuba ingaba yintoni na ebacaphukisa kakhulu ze ke emveni

koko nizame ukuncedisana ukuyigwema loo mimmandla. uDave ungumdlali oxhalisekileyo kakhulu weghalufa. Nam ndiyadlala, kodwa kungandifanela nje ukuba ndizihlekele ndigigitheke indlela yam kumabala. Ndifundile ngokunjalo ukuba ayibobulumko kwelam icala ukuba ndikhululeke ndifune ukuthandeka xa ndidlala ighalufa noDave okanye ndimqhule xa edlale kakubi. Siyayoliseka kakhulu kodwa ndithanda ukumenza ukuba abe ntofontofo. Ayi nangqondo into yokwenza omnye umntu ukuba alahlekwe luxolo lwakhe. Xa sele uphile nomntu ithuba elide uqale ufunde ubuthakathaka bakhe kwakunye nobakho ngokunjalo. Ndiyaphinda, “Lingani ukuncedisana ukuyigwema loo mimmandla.”

uDave uyandincedisisa kubuthakathaka bam. Uzama kangangoko ukugcina izinto zizolile elixa ndizama ukufunda okanye ndiphumle. Uyandikhuthaza ukuba ndifumane ukuphumla nolonwabo kuba uyazi ukuba xa ndingadinwa kakhulu, Mtyholi uzakuba uxolo lwam. KumaGalati 6:2 ithi, “Thwalisanani ubunzima...” Kufuneka sithwalisaneni ubuthakathaka bethu, sibone ukuba sonke sinabo yaye buninzi, sithandazelaneni.

5



KUTHENI LENTO UMTYHOLI EZAMA UKUBA UXOLO LWAKHO?

Siyazi ukuba uxolo lusibophelela ku-Moya Oyingcwele. Enye indlela yokukuchaza oku kukuba uMoya Oyingcwele usebenze kwimo yoxolo. *Kukho amandla eluxolweni*. Ndikholelwa kukuba yiloo nto uYohane 14:27 esixelela ukuba ilifa esilishiyelwe nguYesu luxolo. uYesu wathi, "...Uxolo lwam ndini nika ngoku yaye ndinishiyela ilifa..." Ngamanye amazwi, usenzela ilifa ngoxolo lwakhe.

Xa ngaba unengxaki yaye noMtyholi akakukhokheleli ngakwicala lokuba uphazamiseke ngayo, lo nto ithetha ukuthi akanawo amandla kuwe. Amandla akho asekgucineni uluvo oluzolileyo, olunoxolo yaye oluthembekileyo. Amandla oMtyholi sekukwenzeni ukuba uphazamiseke yaye ube noloyiko.

Xa uzifumana ukwimeko exakekileyo, yenza ukuba injongo yakho ibe kukuzigcina uzolile. Ungadlaleli entendeni yezandla zoMtyholi ngokuba uphazamiseke.

Iyamonwabisa into yokukhathaza uluvo lwakho. Into yokuqala eqhelekileyo edla ngokwenziwa ngumntu xa ekwimo yokuphazamiseka kuluvo lwakhe kukuthetha izinto ngomlomo wakhe ezinika uMtyholi i-petroli yokuvuthisa lomlilo aselewuqalile.

uYakobi 3:5, 6 (ifinyeziwe) uthi, ulwimi lilungu elincinane kodwa lungadala idangatyi lomlilo. Lingumhlaba wenkohlakalo osekwe kumalungu ethu, ludyobhadyobha yaye lungcolisa umzimba wonke, yaye lingumlilo olunyekwe esihogweni. Ungabona kwakwesisibhalo

Esingcwele ukuba uMtyholi ufuna ukuba ulahlekwe lulawulo lwakho ukwenzela into yokuba ibe nguye olawulayo. Khumbula ukuba *uMtyholi ukubekela umgibe ukuze uphazamiseke.*

Inoba sele uqaphele ukuba uMtyholi usebenza ixesha elongezelelweyo xa uzakuzilungiselela ukuya enkonzweni okanye kwisifundo seZibhalo Ezingcwele. Usuku lwangecawa kusasa kwikhaya lethu belusoloko lukhangeleka njengosuku lwesithonga esikhulu kwiminyaka emininzi. Kwakungafane kwenzeke ukuba siye enkonzweni kungekho mntu unga phazamisekanga yaye kwakuqhelekile ukuba ibe ngumntu wonke. Ngecawa kusasa izinto bezidla ngokulahleka, zichitheke yaye zophuke ngaphezu kwazo zonke ezinye iintsuku zeveki. Abantwana bethu bebedla ngokuqhuba kakuhle phakathi evekini, kodwa ngecawa kusasa bebedla ngokulwa. Ukwanda kwengxolo nokuphazamiseka obabudla ngokubakho ekhaya, babundikhathaza kakhulu. (Khumbula, andivani nengxolo kakhulu).

Kugqibeleni, bendiqale ndikhalaze. uDave ukuthiyile ke ukukhalaza, ke emva kwethutyana ebezakundixelela ukuba mandiyeye ukukhalaza. Bendisuka ndimphambanele. Abantwana bona basuke balile kuba mna no-Dave besingxolisana.

Kuko konke okuinja izabakuqale ijikeleze endlwini nesihlangu somntu okucacileyo ukuba ebekade efuna ukusinxiba, ndiqale ndidanduluke ke ngoku, “Khawulezisani! Sizakushiya lixesha!” Ndiqinisekile ukuba uyawubona lomfanekiso-ngqondweni.

Ndathi ndakubona uYakobi 3:18 ndaqonda ukuba kutheni lento ingathi oku kusoloko kusenzeka rhoqo xa sizakuya kumamela ILizwi. Isibhalo Esingcwele sithi, “isiqhamo sobulungisa...” (izenzo ezilungileyo) “...zisisi (qhamo sembewu) ehlayelweyo” (ILizwi) ngabo basebenzela besenza uxolo.”

Ngamanye amazwi, ukuze ILizwi lika-Thixo lintshule livelise iziqhamo ezihle ebomini bethu, kufuneka lishunyayelwe yaye lifundiswe ngumntu ongumakhi woxolo ubuqu. Enye into, kufuneka sibe noluvo loxolo xa sisiva ILizwi.

Kha ufane ucinge ngobomi bakho. Ingaba kukangaphi na uMtyholi ephumelela kwiinzame zakhe zokukuphazamisa phambi kokuba uyokuva iLizwi? Khumbula ukuba uhlale uphaphamele amaqhinga akhe, ze ungadlaleli kwintende yezandla zakhe.

Kwabasekorinte II 2:11 ithi Asikukuba “asiwanakanga” “amaqhinga kwakunye neemfuno zoMtyholi.” iwabiza ngokuthi “ngamacebo akhe.” UMtyholi usebenzisa amaqhinga akhe ukukhohlisa akhokhele abantu endleleni engalunganga. EkaPetros I 5:8 ithi: “Yibani nobungcathu (ningabi diki-diki, nihluzeke ezingqondweni, phaphamani, nilumnke ngalo lonke ixesha; kuba ummangaleli wenu, uMtyholi uhamba njengonyama egqumayo (ephethwe yindlala eyoyikekayo), efuna ubani angamginyayo.”

Ungavumi ukuba ibe nguwe lowo! Ndiya kukhuthaza ukuba ulumke. Eleke uvakalelwa kukuphazamiseka okanye ludano, yima, uzibuze lemibuzo: “Ingaba uMtyholi uzama ukwenza ntoni na? Xa ezizimvo ezingaqinisekanga ndizinika indawo, ingaba isiphumo siyakuba yintoni na?”

Kwabase-eFese 4:26, 27 nezo Zizibhalo Ezingcwele ezibaluleke kakhulu ezisifundisa ukuba singamvumeli uMtyholi ukuba afumane indawo yokubambelela ebomini bethu ngokuthi siphazamiseke.

Ivesi 26 ithi “...maningakuvumeli ukuqumba kwenu (ukucaphuka kwenu, ukucunuka okoyikekayo) ukuba ilanga litshone nisenjalo.” Ngamanye amazwi, “Ningahlali niphazamisekile.”

Ivesi 27 ithi, “Kananjalo musani ukumkhwelela indawo uMtyholi lo (ningamniki thuba lihle).” Xa uphazamisekile, ulahlekwa luvuyo lwakho. Xa ulahlekwa luvuyo lwakho, ulahlekwa ngamandla akho. EkaNehemiya 8:10 ithi: “...uvuyo Luka Yehova ligwiba lenu.” KwinDumiso 42:5, umdumisi uDavide uthetha nomphfumlo wakhe uthi: “...Kungani na ukuba usibekeke mphemfumlo wam?...” Isaiah 30:15 “...ebengabhoyoyi amandla am ngokuzola nangokukholosa...” Siyabona kwakhona ukuba uMtyholi ufuna ukusizolisa ukuze ebe amandla ethu.

Ndifunde kuMoya Oyingcwele ukuba usebenzela kwimo yoxolo. uMoya Oyingcwele akasebenzeli kwingxwaba-ngxwaba. uMtyholi usebenzela kwingxwaba-ngxwaba, kodwa uMoya Oyingcwele usebenzela eluxolweni. Bonelela ikhaya lakho, ishishini lakho, icawe okanye umsebenzi wakho owenzela uThixo ngemo yoxolo. Xa usenjenjalo, uzakube unika imbeko kwi Lizwi likaThixo kwakunye noMoya kaThixo. Uzakuvuna isiqhamo sentobeko yakho.

Khumbula ukuba uYesu wabathumela abalishumi elinesixhenxe ngababini, ngababini ukuyokwenza imisebenzi emikhulu: bakhuphe iidemoni, baphilise imilwelwe, yaye bashumayele iindaba ezilungileyo. Wabaxelela ukuba baye kwidolophana, bafumane indlu, bathethe uxolo apho, bahlale khona. Xa babengamkelekanga (ngoxolo) kwakufuneka bevuthulule uthuli oluphantsi kweenyawo zabo, bagqithele phambili. uLuka 10:1-11, 17) Ngoba? Umsebenzi wabo wawungazukuba namandla ngaphandle kokuba bahlale beseluxolweni.

Ndiqinisekile ukuba sele uqala ngoku ukufumana isityhilelo ngomyalezo lencwadi ezimisele ukukuzisela wona. *Yenza ngako konke okusemandleni akho ukuzilolongela ukuzibamba ukuze uhlale useluxolweni rhoqo.*

KuLuka 22:46, uYesu uyasifundisa ukuba sithandaze ukuze singangeni ekuhendweni. Wathi kubafundi bakhe “...Sukumani nithandaze ukuze ningangeni (konke-konke) ekuhendweni.” Ze ningaxhomekeki kuni buqu kwakunye nasemandleni enu ekuxhathiseni uMtyholi kulommandla. Thandaza yonke imihla kuThixo ukuba akunike inceba yakhe uvimbele uMtyholi xa ezama ukuba uxolo lwakho. Cela iNkosi ukuba ikomeleze yaye ikuncede.

Khumbula uYohane 15:5 uthi, “ngaphandle kwam... ayikho into eninokuyenza.” Ungazami ukuzenzela wena ngokwakho! Cela uncedo. Ungenza zonke izinto ngoKristu (Kwabase-Filipi 4:13) kodwa nakanye ngokwakho. Ku Yohane 5:30, no Yesu wathi akukho nanye into anokuyenza ngokwakhe. Kufuneka ube noluvo ouzithobileyo xa ngaba ufuna uThixo akuncede. Petros 5:5 ithi “...

uThixo uchasene nabanekratshi, kodwa abazithobileyo uyabababala.”

Mandishwankathele ngelithi, uMtyholi ufuna ukuba uxolo lwakho ukwenzela into yokuba ebe amandla akho. Ufuna ube buthakathaka kwaye ungabi namandla, kodwa mna ndiyakukhuthaza ukuba “... yomelela e-Nkosini, kwakunye nasemandleni okuqina kwayo” (Kwabase Efese 6:10). *Hlalani ehuxolweni!*

6



UBUME BEKHOLWA KUMAXA ENTSHUTSHISO

Kwabase-Efese 6:13 ithi “...sowenze konke (okubangwa bububi), nime (nime nimi kwindawo yenu).”

Yeyiphi “na indawo yenu?” Kwabase-Efese 2:6 isifundisa ukuba indawo yethu iku-Kristu. Igama elithi yima ligama eliguqulelwe kwigama lesi-Grike elithi histemi. Enye yeentsingiselo zalo ligama elithi “hlalani kum.” Igama lesi-Grike elithi hlalani kum kuYohane 15:7 ngu *meno*. Enye yeentsingiselo “kukuma nimi.” Maxawambi u*Meno* uguqulelwa ngokuthi yima umi. uYesu wathi, “Xa uhlala kum, namazwi am ehlala kuwe, uza kucela nantoni na oyingqwenelayo, yaye uzakuyenzelwa” (Yohane 15:7). Indawo yokuhlala kuye yindawo yamandla.

KumaHebhere 4 ithi xa ngaba uyazipheza iintsokolo zakho koko usebenzele (ngokholo nangentobeko) ukungena ekuphumleni kukaThixo, uzakukungena kubilo lwakhe. Kumaxa entshutshiso, yenza oko uThixo akukhokhelela ukuba ukwenze, ze ke uhlale ukuKristu okanye uthabathe indawo yakho ku-Kristu ze ke ngoku

1. James Strong “Greek Dictionary of the New Testament,” *Strong’s Exhaustive Concordance of the Bible*, (Abingdon: Nashville, 1890) p.38 entry # 2476.
2. Strong, Concordance, “Greek,” p. 47, #3306.
3. W. E. Vine, *An Expository Dictionary of New Testament Words* (Old Tappan: Fleming H. Revell, 1940), Vol. IV, pp. 70, 71.

umqwalasele ekusebenzela. IziBhalo Ezingcwele zithi, "... yima ume, ze ubone intsindiso yeNkosi" (Eksoda 14:13). Onke lamagama-hlala kum, cwaka, phumla nakuKristu-achaza isisekelo esinye esifanayo: *Ungalahlekwa luxolo lwakho!*

KwabaseFilipi 1:28 sesinye seZibhalo Ezingcwele esinamandla kakhulu esikuzisela elinqaku ngokucacileyo: Sithi: Zeningo [nokokomzuzwana nje] yikiswa okanye ni grogriswe nakweyiphi na into ngabachasi benu kwakunye naziintshaba zenu, kuba oko [ukungaguquki kwenu nokungoyiki] kuzakuba luphawu olucacileyo (ubungqina kwakunye nophawu) kubo lokuba (ukwenza kwabo) kwentshabalaliso, kodwa (isisiqinisekiso sophawu nobungqina) sokukhululwa kwakho kwakunye nentsindiso yakho, konke oko kuvela kuThixo."

Esi siBhalo Esingcwele sikubeka ngokucacileyo oku. *Xa sukuba uhlaselwa, hlala eluxolweni.* Oko kumxelela uMthyoli ukuba woyisiwe. Akazi ukuba enze ntoni na ngawe xa sele ngenakho ukukuphazamisa. Oko kuyakuqinisekisa kwakhona ukuba ukhululwe ngu-Thixo kuba olu luvo loxolo nokuphumla lubonakalisa uThixo ukuba usebenzela kukholo lokwenyani. KumaHebhere 4 ithi abo bangena kubilo lukaThixo ngabakholiweyo.

Qhubeka uvuyele ubomi bakho elixa uThixo esebenza ngeengxaki zakho. Ndikholelwa kwinto yokuba uninzi lwabantu lunohlobo olungacacanga lwengcinga ethi akulunganga ukuzivuyisa xa uneengxaki. Xa kungekho nanye into onokuyenza emveni koko, ungasuke ugogotyeke nje.

Ndiyazi kuba ndibe namava kakhulu ngoluhlobo lwengcinga kwiminyaka edlulileyo. Xa mna noDave sukuba siba nohlobo oluthile lwentshutshiso okanye ingxaki, ebekade ezonwabela yaye azivuyele. Ndandigogotyeka yaye ndimphambanele kuba engagogotyeki kunye nam.

Intsokoloyethu yayidla ngokubayeyemali kakhulu. uDave wayesoloko ekhangeleka enokholo olwalungenakuchazwa ngokwendalo ngaku lommandla wemali. Wayesithi, "Siyanikela ngokweshumi yaye siph

ngeminikelo ngokwe emfuneko esizibonayo. IziBhalo Ezingcwele zithi, “Phosani yonke imithwalo yenu kuye, ngoba yena enikhathalela” (Petros I 5:7). IziBhalo Ezingcwele zithi, uThixo uzakufezekisa zonke iimfuno zethu (KwabaseFilipi 4:19), ke ngoko kutheni lento kufuneka ndixhalabe. Ukuxhalaba akuzi nengeniso. Akwenzeki oko.”

Oku “kukuma” okwathatyathwa nguDave. Elixu uThixo wayesebenza ngengxaki yakhe, uDave yena waqhubeka evuyela ubomi bakhe. “Ndiyakwazi konke oko Dave, kodwa akunakho ukuhlala nje ungenzi nto” Ndandifuna ukuba enze okuthile. “Kulungile ke, Joyce, ingaba ufuna ukuba ndenze ntoni na?” Bendisuka ndithi, “Thandaza! Kufuneka uthandaze.” Asuke athi ke yena, “Sendithandazile. Ndithandaze ndacela uThixo ukuba asisombululele lengxaki. Ndimcelile ukuba andibonise ukuba ingaba isekho na enye into afuna ukuba ndiyenze. Akakandibonisi nto; ke andisiboni isizathu sokuba ugogotyeye.”

Ndandisazi ngaphakathi kum ukuba uDave unyanisile. Kodwa kwakusekho lento ingacacanga eyayi soloko indinyanzelisa ukuba mandingabi namagugu okuzivuyela xa ndisenengxaki.

Isiphumo sasifana minyaka le yonke; rhoqo xa sinengxaki noDave, yena wayedla ngokuthandaza ahlale eseluxolweni, yaye mna ndandithandaza ndikhathezeke. Ndindizenza ukuba ndigogotyeye. uDave wayebuvuyela ubomi bakhe yaye uThixo wayesibonelela ekugqibeleni. Sasisoloko siphumelela rhoqo.

Ndibulela kuThixo, ndade ndabona ekugqibeleni ukuba ndandingazuzi lutho ngempumelelo. Konke endandikwenza nje yayiku kuzigogotyekisa mhlawumbe ndisenza nempendulo evela kuThixo ukuba ize kade. Ngoku ndiyaluvuyela uxolo nakwiiqwhithela ezinkulu. UMarko 4:37- 40.

uYesu wathi, “Ehlabathini nizakutshutshiswa, kodwa gcobani, mna ndiloyisile ihlabathi” (Yohane 16:33). Izibhalo Ezingcwele zithi ukuhendwa makufike, kodwa siyakhuthazwa ukuba singangeni ekuhendweni. (Luka 8:13; Kwabasekorinte10:13; uYakobi 1:12) Inqaku lam apha kukuba umcelimngeni, izinto ekufuneka sizoyisile,

ziyakusoloko zikho ebomini, kodwa thina singaboyisi ngoKristu Yesu. (KwabaseRoma 8:37).

Asingabo *aboyisayo*, kodwa sisoloko *singaboyisi*. Awusokuze ufinyelele kwimeko apho sele woyise zonke izithintelo, kodwa ungaba nesiqinisekiso sokuba ngoKristu uyoyisa rhoqo. Uyoyisa rhoqo!

Kuzakufuneka ufinyelele kulendawo uPawulos awayethetha ngayo KwabaseFilipi 4:11, 12 - wathi wazifundisa ukuba anele (abe noxolo) nokuba uyaswela okanye uyahlutha. Xa ungenzi njalo ubomi bakho buzakuqulatha ukuphazamiseka ngokulandelelana kwakho. Khumbula oku: Xa ngaba uMtyholi akanakho ukulawula ngeemeko ezithile, uzakukuphatha entendeni yesandla sakhe lonke ixesha. Ungahamba ngegunya lakho rhoqo ngokuthi ube seluxolweni. ulamuliro wanu pomakhala mu mtendere nthawi zonse.



USUKU NGALUNYE NGEXESHA

Indlela eqinisekileyo yokulahlekwa luxolo lwakho kukuqala ngokuxhalela ingomso. Mateyu 6:34 ithi:

“Ngoko ke, musani ukuxhalela ingomso kuba ingomso liya kuxhalela okwalo. Buyanele imini leyo obayo ububi.”

Uninzi lwethu lunokwaneleyo esinokukwenza ngosuku lwanamhlanje ngaphandle kokuxhalela ingomso. UThixo uza kukwenzela ubabalo lolusuku, kodwa akasokuze akwenzele ubabalo lwengomso ngaphambi kokuba ingomso lifike.

Ubukhulu becala ke, abantu baxhalela baxhalele into engasokuze yenzeke. Oo “xa kusenokwenzeka na” bayinkathazo. Xa usiva “xa kusenokwenzeka” oku okanye okuya engqondweni yakho, lumka! Kusenokwenzeka ukuba utsalelwa exhaleni. Bantu bambi baxhalaba kakhulu kangangokuba iinkxalabo Zabo ziguquka zibe luloyiko, yaye uninzi lwezinto abazixhalelayo ziyabehlela. Singazuza kuThixo ngokholo. Sise nokuzuza na kuMtyholi ngoloyiko.

Ungazivumeli ukuba uloyike ingomso. Yazi nje ukuba uThixo uthembekile. *Nokuba ngaba ingomso sele lisiphathele ntoni na, Nguye ophethe ingomso.* Ubabalo lwakhe lusanele ukufezekisa iifundo zethu. Ungachithi ubabalo lokuvuyela usuku lwanamhlanje ngokuxhalela ingomso. Kuya mmangalisa ngokwenene ngesinokukuzuza ngempumelelo kuKristu xa siphila usuku ngalunye ngexesha.

Ndafunda esi sisifundo mzuwana ndaqalisa ukufundisa kwi kholeji yezifundo zeZibhalo Ezingcwele. Ndandifundisa kwakhona kanye

evekini kwinkonzo yam yasekhaya apho bendikwa ngumlingane mfundisi. Ndandinabantwana abane yaye ndinomsebenzi endandi wenza sigxina ngelo xesha xa elithuba lihle lazivezayo ukuba ndifundise kule-kholeji yezibhalo Ezingcwele enkonzweni kathathu ngeveki. Ndandinawo nyhani umnqweno wokuba ndifundise iLizwi nangakumbi, yaye ke nali nethuba lokufundisa kathathu evekini liziveza.

Kodwa ke, xa ndifundisa, kufuneka ndifunde yaye ndizilungiselele kwakhona. Iiklasi ezininzi bezingenele nzulu kwizifundo zeZibhalo Ezingcwele, into ke eyathetha ukuba kufuneka ndombe-nzulu Ezwini ukuze ndizilungiselele, ingakumbi kwabo basaqalayo. Bekufuneka ndifunde ngokuhlwa, kuba umsebenzi wam ndandi wenza emini. Ndandingayiboni indlela endandi nokukwenza ngayo konke oku, kodwa nda vakalelwa kukuba uThixo wayefuna ukuba ndikwenzile.

Emva kwemithandazo kwakunye neengcinga ezimbalwa, ndasuka ndaya kuThixo ukuya kwenza okungenzekiyo Kuye. Into engundoqo uThixo aweyesoloko eyithabathekisa kum yayi yeyokuba: “Usuku ngalunye, uzakuphumelela.” Ukuba ndandiqale ndacinga ngengomso, ndandi zakungena enkathazweni kwakamsinyane nyhani, kuba ngokuphazima kweso ndandizakubona into engenakwenzeka. Kodwa usuku nosuku, usuku ngalunye ngexesha, konke kwasebenza kakuhle. uThixo wandibabala, kodwa hayi ngaphambi kwexesha. Unyaka wesibini wawulula kakhulu kuba ndandinazo zonke izifundo zam. Ngoko ke, kwakungekho mfuneko yokuba ndifunde kanga ngokuba ndandifundile kunyaka wokuqala.

Kwakukho izizathu ezimbini ezingundoqo zokuba kutheni lento iNkosi yayifuna ndenze lomsebenzi, ngaphandle nje kokufundisa abafundi iLizwi. Okokuqala, kwakufuneka ndifumane amava angundoqo ngokuthi umntu angazuza kanjani na ngempumelelo ubabalo luka-Thixo xa ubomi sibuphila usuku ngalunye ngexesha. Enye into yayi yeyokuba ndifumane amava ekufundiseni rhoqo. Ndifundisa qho ngoku njengokuba mna noDave sikhenketha yaye sifundisa sibamba neentlanganiso ekhaya “Zobomi Elizwini.” uThixo ulungile, yaye neendlela zakhe zigqibelele.

Omnye ummandla ocangcatha ngakulemigaqo ofaka abantu enkathazweni kukuzisola - ukuphila ngokuzisola kwezolo. Sonke siyazenza iimpazamo. Ewe, Ndithe, “Sonke siyazenza iimpazamo!” Nditsho nabo bantu obacingela ukuba abakwenzi.

Oku ngalunganga tu bayazenza iimpazamo. iBhayibhile ithi sonke sinayo imithwalo yeempazamo zengcindezelo. (kumaGalati 6:5) Sonke senza yaye sithethe izinto ngemilomo yethu esinqwenela ukuba ingathi ngesi ngazenzanga okanye, ngesi ngazithethanga. Into xa sele yenzekile, yenzekile.

Ndifunde ukuba kunokuba ndilahlekwe luxolo lwam ngenxa yento endiyenzileyo kodwa endi ngasenakho ukwenza nto ngakho, kufuneka ndithembele kuThixo ukuba uzakuyilungisa kwakhona. Unaso eso sakhono uyazi. Angazicoca iimpazamo zethu.

Maxawambi ndithetha into endinqwenela ngoku ngathi ngendingakhange ndiyithethe. Endaweni yokuba ndixhalele into yokuba mhlawumbe akukho mntu ndimkhubekisileyo okanye abe nomsindo, Ndicela iNkosi ukuba ibenze bazi ukuba intliziyo yam ibilungile, noxa ndithethe kakubi nje. Ndiyamthemba ukuba uzakusebenza ezintliziyweni zabo mna andincede. Ngaloo ndlela akufunekanga ukuba ndichithe iintsuku ezimbalwa ndixhalabile; ze ndizifihle xa ndibabona.

Siwela emgibeni wokuzisola kwizinto ezininzi. Mna noDave siyazikhupha siyokutya rhoqo kwii ndawo zokutyela, kuba sisoloko sixaxekile. Maxa wambi sityela apho ukutya kwakhona kungana mbitheki kamnandi yaye nomsebenzi wabo umbi kakhulu. Sizifumana sele sihamba, sizifumane sesizisola iiyure ezimbalwa emveni koko ukuba besi sayele ntoni kulondawo. iNkosi yasibonisa ukuba nokuzisola ngokukhetha indawo yokutyela embi kuza kuba uxolo lwethu.

Khumbula, ukuvuyela uxolo, yeka ukuzama ukwenza into ngento ongenakwenza nto ngayo. Xa sele ubaxhasile endaweni yeshishini wahlawula amatyala akho, ukuzisola akusenakho ukuguqula oko osele kwenzekile.

Ngoku iimeko ezilolohlobo siyaziguqula sizenze ukuba zisebenzele ubulungisa bethu. Ngoku sithi, “Khawucinge ngabo bonke abantu ebengebeyile apho bangoneliseki. Asisikelelwanga na! Sele sifumanesekile ukuba ayiyo ndawo umntu anokuya kuyo. Asisokuze siphinde sichithe ixesha lethu kwakunye nemali yethu apho kwakhona.”

Ndinomfanekiso eludongeni lwam ofundeka ngoluhlobo: Xa uzama ukuphila kwixesha eli dlulileyo, ubomi buzakuba nzima. uYesu akazange athi Ndinguye “eNdandinguye”. Xa uzama ukuphilela ikamva, ubomi buzakuba nzima. uYesu khange athi Ndizakuba Nguye endizakuba Nguye. Xa ujongana nosuku ngaloo ndlela lusiza ngayo, ubomi buzakukulungela. uYesu wathi “Ndinguye” (Yohane 8:38). Unawe qho kwimeko nganye ozifumana ukuyo. Khumbula ukuthembeka ukuze akubabale ngosuku lwanamhlanje.

8



UMTHANDAZO UZISA UXOLO

KwabaseFilipi 4:6 ithi:

“Ningaxhaleli nto” (ningabi nanxunguphalo); “koko mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela zaziswe kuye uThixo.

“Lwaye uxolo luka Thixo olugqithisele kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo zenu neengqiqo zenu ku-Kristu Yesu.”

Uxolo olugqithisele kuko konke ukuqonda yinto enkulu kakhulu onokukuyiva. Xa ngokweemeko zonke ezinokukwenza ukuba uphazamiseke, uphaphazele, uzifumane ukwingxwaba-ngxwaba okanye uxhalabile, kodwa unoxolo olu ngathethekiyo, lawo ngamava angummangaliso kakhulu. Umhlaba ulambele oluhlobo loxolo. Akunakho ukulithenga; aluthengiswa. Sisipho esifumaneka simahla kuYesu. Lolwakho xa umamkela njenge-Nkosi no Msindisi ze ke uzifundise ukusebenza ngenkqubo yakhe.

Umthandazo wokuzinikela ngumthandazo onamandla oshenxisa imithwalo yakho kuwe uyise kuYesu. Petros I 5:7 ithi, uphose lonke ixhala lakho kuye; ngokuba Yena enikhathalela. Inguqulelo yeBhayibhile uPetros I 5:7 ithi:

“Uphose yonke imithwalo yakho (unxunguphalo lwakho lonke, ixhala lakho lonke, ukukhathala kwakho konke, kube kanye) kuye kuba uya kukhathalela ngomsa wakhe yaye uyakukhathalela ngokuqwalasekileyo.”

Igunya elingakanana! Ama-Kristu amaninzi awiyisebenzisi lenzuzo inkulu kangaka noxa iye yabo.

Ingaba uyaluvuyela na uxolo olungumvuzo wokuphosa kwakho yonke imithwalo Kuye? Igama elithi phosa lithetha ukulayisha okanye ukugibisela ngamandla. Ukuqalisa kwakho ukwenza oku kukulunga kwayo. Ukwenza oku ngomthandazo. Nikela iingxaki zakho kuthando lwakhe olunenkathalo. Yenza oku ngoku khawuleza xa uMoya Oyingcwele ekubonisa ukuba uyaxhalaba okanye sele ulahlekwa luxolo lwakho ngoku.

uMtyholi ufuna ukuba uxhalabe... Petros I 5:9 ithi “mchaseni” umtyholi “kwasekuqaliseni” lo nto ithetha ukuba kwase kuqaleni kohlaselo lwakhe, zisuka nje. Ungalindi ade abesele fumene ithuba loku kusebenza iintsuku ezimbalwa. Ngokulinda kwakho ithuba elide umxhathisa, amandla akhe aye esanda ngokwanda kuwe. Ze ke ngoku kube nzima ukukhululeka. Xa ubona ukuba uyaxhalaba, yala ukuba kwenzeke oko kuwe. Phosa loo mthwalo walo meko kuThixo. *Guqula indlela ocinga ngayo.*

Xa ndandi saqalisa ukufunda lenkqubo “yokuphosa imithwalo yam” yaye “nokungaxhaleli nto,” Ndandisazi ukuba iingcinga zam zazi ngalunganga. Ndandichitha usuku lonke ndigxotha imifanekiso-ngqondweni, yaye yayidla ngokuphinda ibuye. Ndikhumbula ndandidanile ngayo yonke lento. Ndathi eNkosini “Kungenzeka njani na ukuba umntu angafane acinge nganto ithile?” Uyabona, ukwenzela ukuba ungaxhalabi, musa ukucinga ngengxaki leyo. Xa kufuneka ukuba ucinge ngayo ukwenzela into yokuba uzokwenza izigqibo ezithile, kuzakukufuneka ukuba ucinge ngayo ngoku qinisekileyo hayi ngokuchasene noko. Kufuneka unyaniseke ngengxaki yakho ungabi no kungaqiniseki ngayo.

Ndisakhumbula mhlophe xa ndandibuza uYesu ukuba “Ndingahlala njani na ndingacingi ngalengxaki?” Ke Yena wathi kum “Kulula kakhulu, Joyce. Cinga nje ngenye into.” Uyabona, awukwazi ukucinga ngengxaki xa ucinga ngento engeyiyo ingxaki.

KwabaseFililipi 4:6 ithi ungaxhalabi koko uthandaze. iVesi 7 uthembisa ukuba xa usenza oku okuqulethwe nguvesi 6, uzakufumana uxolo olugqithisele ukuqonda. uVesi 8 ithi:

“Okokugqibela, bazalwana, ndithi izinto zonke eziyinene, iinto zonke ezibubulungisa, iinto zonke ezinyulu, iinto zonke ezithandekayo, iinto zonke eziludumo bulungileyo, ukuba kukho sidima, ukuba kukho ndumiso, zithelekelele ezo zinto...”

Ngoku ndiyathandaza ukuba uThixo anibabale, okungamandla oMoya Oyingcwele, ukufaka ezizinkqubo ebomini benu, nizisebenzise ukwenzela into yokuba nizivuyele iintsikelelo zobomi boxolo. Ndiyathandaza kwakhona ukuba uBawo abenakho ukunisebenzisa ukuze nimzisele imbeko kwakunye nozuko.

Xa ngaba awuzange wakha wammema u-Yesu ukuba abe yiNkosi noMsindisi wakho, ndiya kummema ngoku ukuba wenjenjalo. Ungathandaza lomthandazo, yaye xa ngaba uthembekile nyhani ngawo, uzakubungcamla ubomi obutsha ku-Kristu.

Thixo Bawo, Ndiyakholwa ukuba u-Yesu Krisu NguNyana Wakho, uMsindisi wehlabathi. Ndiyakholelwa ukuba wandifela emnqamlezweni, wazithabathela kuye zonke izono zam. Wahlawula intlawulo ngenxa yezono zam. Wathabatha isohlwayo esasindifanele mna. Ndikholelwa ukuba uYesu wavuswa kwelabafuleyo yaye ngoku uhleli ngasesandleni sakho sokwenene. Ndiya kufuna Yesu. Ndixolele izono zam, ndisindise, yiza uphile ngaphakathi kwam. Ndifuna ukuzalwa ngokutsha.

Ngoku ke kholelwa kwinto yokuba uYesu uphila entliziyweni yakho. Uxolelwe yaye wenziwe walilungisa, yaye xa uYesu esiza, uzakuya eZulwini.

Zifumanele iNkonzo elungileyo efundisa iLizwi lika Thixo wandule ukukhula ke ngoku kuKristu. Akukho nto inokuguquka ebomini bakho ngaphandle kolwazwi leLizwi likaThixo. UYohane 8:31, 32 ithi. “Xa nihlala elizwini lam... nyhani ningabafundi bam. Niyakuyazi Inyaniso, yaye Inyaniso izakunikhulula.”

Ndibhalele undazise ukuba umamkele na uYesu yaye ucele nencwadana efumaneka smahla ngendlela yokuqala ubomi bakho obutsha ku Kristu.

Bonke abasebenzi “Bobomi Elizwini” bayakuthanda. Siyathandaza ukuba usikelekile yilencwadi ongxolo.

UMTHANDAZO WO SINDISO



UTHixo uyakuthanda kwaye ufuna ukuba nobudlelwane nawe ubuqu bakho. Ukuba akukumamkeli uYesu Krestu njengoMsindisi wakho, ungakwenza ngoku oko. Mvulele nje intliziyo yakho uze uthandaze lo mthandazo ...

Bawo, ndiyazi ukuba ndiKonile. Ndicela ukuba undixolele. Ndihlambe ndicoceke. Ndiyathembisa ukuba ndiza kuthemba uYesu, uNyana waKho. Ndiyakholwa ukuba Wafela mna— isono sam Wasithwala ngokufa kwaKhe emnqamlezweni. Ndiyakholwa ukuba Wavuswa ekufeni. Ubomi bam ndibunikela kuYesu ngoku.

Ndiyabulela, Bawo, ngesipho saKho soxolo nangobomi obungunaphakade. Ndicela undincede ukuba ndiphilele Wena. Egameni likaYesu, Amen.”

Njengoko uthandaze ngentliziyo yakho, uThixo ukwamkele, wakuhlamba waze wakukhulula kwimbophelelo yokufa komoya wakho. Zinike ixesha lokufunda ezi zibhalo kwaye umcele uThixo ukuba athethe nawe xa uhamba naYe kolu hambo lobomi bakho obutsha.

uYohane 3:16

1 abaseKorinte 15:3-4

abase-Efese 1:4

abase-Efese 2:8-9

1 uYohane 1:9

1 uYohane 4:14-15

1 uYohane 5:1

1 uYohane 5:12-13

Thandaza uMcele ukuba akuncedise ufumane icawa elungileyo - nekholelwa eBhayibhileni ukuze ufumane inkuthazo eya kukukhulisa kubudlelwane bakho noKrestu. UThixo usoloko enawe. Uya kukukhokela ngenye imini ngexesha elifanelekileyo kwindlela yokuphila ubomi bendyebo Akugcinele bona!

NGOMBHALI



uJOYCE MEYER uqalise ukufundisa ILizwi likaThixo ukususela ngonyaka ka-1976 yaye waqala ukusebenzela uThixo isigxina ukususela ngo-1980. Ungumbhali weencwadi-zenkuthazo ezithengisa buthaphu-thaphu ezingaphaya kwamashumi asixhenxe, kuquka Ubungedle Ngokuleqa Uxolo, Umve Njani na uThixo kwakunye Nedabi elisengqondweni. Ukwakhulule Namawaka-waka ezandi zokufundisa wavula kwa kunye nethala leencwadi zevidiyo elipheleleyo. i “Vuyela Ubomi Bemihla Ngemihla® lusasazwa kunomathotholo kwakunye nakumabonakude kwihlabathi lonke jikelele, yaye ukhenketha ngokubanzi ebamba iinkomfa. uJoyce kwakunye nomyeni wakhe, uDave, bangabazali babantwana abane, abathe dlandlu noko ngoku yaye ikhaya labo lise St. Louis, e Missouri.